Isalathiso: 20200722-7126
Inombolo yefayili: 12/2/13/6
Imibuzo: A Henriques

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0006/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli kwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zesiqendu 21

Isihloko: Uku-odolwa kwezinto zokubhala nezinto zokucoca zizikolo zesiqendu 21

1. Niyacelwa niqaphele ukuba inkqubo yoku-odola kule ngcaciso imfutshane isebenza kuphela kwizikolo zesiqendu 21.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lingene kwiimvumelwano zokuthengiswa nokuziswa kwezinto zokubhala nezinto zokucoca ukususela ngowe-01 Oktobha 2017 ukuya kowe-30 Septemba 2020. Makufundwe iSetyhula 16/2016, yomhla we-13 Apreli 2016.

3. Izikolo zesiqendu 21 ke ngoko zinikwe ithuba loku-odola izinto zokubhala nezinto zokucoca kulo mboneleli-nkonzo kungenwe kwimvumelwano kunye naye. Izikolo zinoku-odola kuphela izinto ezidweliswe kwizihlomelo eziqhotyoshelweyo zezinto zokubhala nezokucoca ngokwezithili zemfundo zazo ezichaphazelekayo. Ngoko ke, izikolo zesiqendu 21 ziya ku-odola yaye zihlawule kubaboneleli-nkonzo abakwimvumelwano ngqo. Iinzuzo ezifunyanwa ngoku-odola kubaboneleli-nkonzo ekuvunyelwene nabo ziquka amaxabizo asezantsi nge-ayithem nganye yaye la maxabiso aquka ukuziswa kwazo esikolweni.

4. Iinkcukacha zomboneleli-nkonzo ekuvunyelwene naye ukuthengisa nokuzisa izinto zokubhala *(contract B/WCED2381/16)* nezinto zokucoca *(contract B/WCED2382/16)* zezi:

Masiqhame Trading 1057 CC
30 Blinkwater Crescent
Edgemead
7441

Umntu emakuqhagamshelwana naye:	Mnu C Daniels
Inombolo zoqhagamshelwano:	021 558 9947
Idilesi ye-imeyili:	masiqhametrading@lantic.net

5. Le listi yamaxabiso iqhotyoshelweyo ibisebenza ukususela ngowe-01 Oktobha 2019 yaye iya kubasemthethweni kude kube ngowe-30 Septemba 2020. Izikolo zesiqendu 21 kufuneka ziwasebenzise la maxabiso afaneleke kwizithili zazo.

6. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuwo onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO
UMHLA: 2020-08-03